Isifundo 13

** 21-27 Matshi*

Ukusuka Eluthulini Ukuya Ezinkwenkwezini

SABATHA EMVA KWEMINI

Fundela Isifundo Sale Veki:
Daniyeli 12; Rom. 8:34; Luka 10:20; Rom. 8:18; Heb. 2:14, 15; Yohane 14:29; IsiTy. 11:3.

Indima Yenkumbulo:
"Abo ke balumkileyo baya kukhazimla njengokukhazimla kwesibhakabhaka; nababajikela abaninzi ebulungiseni bakhazimle njengeenkwenkwezi ngonaphakade kanaphakade" (Daniyeli 12:3, NKJV).

Incwadi kaDaniyeli iqala ngoNebukadenesare ehlasela elakwaYuda ethabatha abathinjwa ebasa eBhabheli; incwadi le iphela, kwelinye icala, ngoMikayeli esukuma ukuba ahlangule abantu bakaThixo kwiBhabheli yexesha lokuphela. Oko kukuthi, njengoko kuboniswe kuDaniyeli wonke, ekupheleni, esiphelweni kanye, uThixo usebenza yonke into ukulungelwa kwabantu baKhe.

Njengoko sibonile, uDaniyeli namaqabane akhe bahlala bethembekile kuThixo babonakalalisa ubulumko obungenantanga phakathi kwezilingo nemingeni yasekuthinjweni. Ngokunjalo, xa bejongene nembandezelo, abantu bakaThixo bexesha lokuphela baya kuhlala bethembekile, ngakumbi nge"xesha lembandezelo elingazanga libekho elinjalo, kususela koko lwabakhoyo uhlanga" (Dan. 12:1). NjengoDaniyeli namaqabane akhe eBhabeli, baya kubonisa ubulumko nokuqonda. Abayi kwanela ukuba nobulumko njengento yabo entle kodwa baya kuzinikela ekukhokeleleni abanye ebulungiseni, okusisiphumo sobo bulumko. Abanye baya kufa okanye babulawe, ngoko, babuyele eluthulini, kodwa baya kuvuselwa kunaphakade. Njengoko indima yeBhayibile isithi, "Kuya kuvuka abaninzi kwabaleleyo eluthulini lomhlaba, aba baye ebomini obungunaphakade" (Dan. 12:2).

**Funda Isifundo sale veki ukulungiselela iSabatha ka 28 Matshi.*

UMikayeli, UMthetheli Wethu

Funda: Daniyeli 12:1. Ngubani oguqula ikhondo lembali ekupheleni kwexesha? UmaRoma 8:34 nomaHebhere 7:25 basinceda njani ukuba sikuqonde okuthethwa yile ndima?

Sonke isahluko sikaDaniyeli ukuza kuthi ga apha siqala ngokukhankanya umlawuli wohlanga lobuhedeni. UDaniyeli 12 ngokunjalo uqala ngomlawuli, kodwa ngokungafaniyo nezinye izahluko, umlawuli ungumthetheli wezulu ophuma ukuba ahlangule abantu bakaThixo kwizandla zeentshaba zabo. Njengoko sithe tshe kwisifundo sethu sikaDaniyeli 10, uMikayeli ikwanguye lo wasezulwini unamandla obonakala kuDaniyeli kumlambo iTigris. Uvela apho engummeli wasezulwini wabantu bakaThixo. Ukwavela kwenye indawo kuDaniyeli njengoNyana woMntu (Daniyeli 7), uMthetheli womkhosi (Daniyeli 8), noMesiya (mthanjiswa) uMthetheli (Daniyeli 9). Ngoko ke, uMikayeli-ogama lakhe lithetha ukuthi "Ngubani ofana noThixo?" – akanguwumbi ngaphandle kukaYesu ngokwaKhe. Kuhle ukuqaphela ixesha lokungenelela kukaMikayeli. NgokukaDaniyeli 12:1, kwenzeka "ngelo xesha" (Dan. 12:1). Le ntetho ibhekisa kwixesha kanye elisuka ekuweni kobupopi ngowe-1798 kuse eluvukweni ekupheleni kwexesha (Dan. 12:2).

Mibini imiba ebalulekileyo kumsebenzi kaMikayeli ekunokucingwa ukuba ithethwa sisenzi "ukuma" esisetyenziswe kuDaniyeli 12:1 ukuchaza isenzo saKhe. Kuqala, isenzi "ukuma" sizisa ukuphakama kukakumkani ukuza koyisa alawule. Isenzi sikwakhokelisa phambili imbono yomkhosi. Ibonisa ukuba umsebenzi kaMikayeli njengenkokheli yomkhosi okhusela abantu baKhe, ubakhokela ngendlela ekhethekileyo ngexesha lamanqanaba okugqibela embambano enkulu.

Okwesibini, isenzi "ukuma" sikwalatha kwisimo somgwebo. UMikayeli "uma" ukuba enze njengegqwetha kwinkundla yamatyala yasezulwini. NjengoNyana woMntu, uza phambi kOnyangelemihla ukuba amele abantu bakaThixo ngexesha lomgwebo wophengululo (Dan. 7:9–14). Kungoko ukuphakama kukaMikayeli okanye ukusukuma asebenzise amacala omkhosi nokugweba omsebenzi waKhe. Ngamanye amazwi, uwongwe ngegunya lokoyisa iintshaba zabantu bakaThixo negunya lokumela abantu bakaThixo enkundleni yamatyala yasezulwini.

Cinga ngokuthethwa kukwazi ukuba uMikayeli uma ngenxa yethu nangoku. Themba lini okuthi kukunike lona oko, ungumoni?

Ukubhalwa Encwadini

UDaniyeli 12:1 uthetha ngabo "abafunyenwe bebhaliwe encwadini." Kuthetha ntoni oko?

Ngexesha uMikayeli engenelela likwachazwe njengexesha lembandezelo ekungekho efana nayo. Oku kuhambelana nexesha xa uMoya kaThixo uya kuba urhoxisiwe kuluntu oluvukelayo. Ngelo xesha izibetho ezisixhenxe zokugqibela, ezingumboniso wengqumbo kaThixo phezu kwezizwe, ziya kuthululwa phezu kweBhabheli yexesha lokuphela (IsiTyilelo 16; IsiTy. 18:20-24) aze amagunya obumnyama akhululwe phezu komhlaba. UEllen G. White ubhala athi ngeli xesha: "USathana uza kubaphosa abemi bomhlaba kwimbandezelo enye, enkulu yokugqibela. Zithi xa iingelosi zikaThixo ziyeka ukuyibamba ziyinqanda imimoya eyoyikekayo yemvakalelo zoluntu, zonke iziqalelo zokulwa zikhululwe. Umhlaba wonke uza kubandakanyeka kwintshabalalo embi ngaphezulu kunaleyo yafikela iYerusalem yakudala."—Imbambano Enkulu, iph. 623.

Bona abantu bakaThixo baya kuhlangulwa ngeli xesha lembandezelo kuba, emgwebeni wophengululo oqhutywa kwinkundla yamatyala ezulwini, bathethelelwe nguYesu, umbingeleli omkhulu wasezulwini, aye amagama abo ebhaliwe encwadini. Ukuze siyiqonde into ethethwa yile ncwadi, kufuneka sigcine engqondweni ukuba iBhayibile ikhankanya iindidi ezimbini zeencwadi zasezulwini. Enye inamagama abo bangabakaYehova kwaye maxa wambi kuthiwa yincwadi yobomi (Eks. 32:32, Luka 10:20, Nd. 69:28, Filipu 4:3, IsiTy. 17:8).

Ukongeza eNcwadini yoBomi, iziBhalo zikhankanya iincwadi ezineengxelo zemisebenzi yabantu (Nd. 56:8, Mal. 3:16, Isa. 65:6). Ezi ziincwadi ezisetyenziswa ezulwini ukubona ukuzinikela komntu eNkosini. Ezi ziingxelo zasezulwini, "yonke inkcukacha," enamagama nezenzo zakhe wonke umntu. Abanye abantu bayayinyevulela ingcamango yokuba amagama abo, ngakumbi izenzo zabo, zibhalwe ezulwini. Phofu, ngakonje ukuba sinikele ubomi bethu kuKristu, amagama ethu ayabhalwa encwadini yobomi, zize izenzo zethu ezibi zicinywe emgwebeni. Le ngxelo yasezulwini inika ubungqina kwiyunivesi yonke ukuba singabakaYesu nokuba, ngenxa yoko, sinelungelo lokukhuselwa ngexesha lembandezelo.

Kutheni le nto ibululungisa bukaKristu kuphela, obubalelwa kuthi, ikuphela kwethemba lethu lokuba sifunyanwe "sibhaliwe encwadini"? Yiza nempendulo yakho eklasini ngeSabatha.

Lwesibini

24 Matshi

Uvuko [Lwabafileyo]

Funda: Daniyeli 12:2, 3. Sesiphi isiganeko athetha ngaso apha, kungokuba kutheni le nto esi siganeko sibaluleke kangaka kuthi, xa sicinga ngoko sikwaziyo ngokufa?

UDaniyeli wenza, mhlawumbi, okona kubhekisa kuphandle kwiTestamente eNdala ngovuko [lwabafileyo] oluzayo. Xa sikhangela le ndawo, sinokufunda ezinye iinyaniso ezibalulekileyo. Kuqala, njengoko ufaniso "lokulala" lubonisa, akukho mphefumlo unokungafi ohleli ngaphakathi emizimbeni yabantu. Abantu abakwazi ukwahlulwa ngokomzimba, ingqondo nomoya. Ekufeni, umntu uyayeka ukubakho aze ahlale engekho zingqondweni kude kube luvuko. Okwesibini, indima yethu yalatha ekuzeni kovuko oluzayo oku kukujika oko kwenzekayo kusisiphumo sesono. Ngokwenene, intetho eguqulwe ngokuthi uthuli lomhlaba" kulwimi lwakuqala lukaDaniyeli 12:2 ithi "umhlaba wothuli." Oku kulandelana kwamagama kungaqhelekanga kwalatha emva kuGenesis 3:19, ekuphela kwendawo yeBhayibile apho igama "umhlaba" likhokela igama "uthuli." Oku kuthetha ukuba, ukuwiswa kokufa okwenziwa ekuweni kuka-Adam kuya kubuyiswa umva kuze ukufa kungaba salawula. Ngokutsho kukaPawulos: "Ukufa kufincelwe eloyisweni" (1 Kor. 15:54).

Funda: Roma 8:18 namaHebhere 2:14, 15. Kungaziphi izizathu esithi singadingi ukuba sikoyike ukufa?

Ukufa kutshabalalisa kuphelise yonke into apha. Phofu sinikwe isithembiso sokuba ukufa akusayi kugqibela kona kwabakholwayo. Ukufa lutshaba oloyisiweyo. Xa uKristu wayeqhawula amatyathanga okufa ephuma evukile engcwabeni, wayebethe ukufa ngegalelo elibulalayo. Ngoku, sinako ukukhangela ngaphaya kobukho bokufa okukokwexeshana kubukho bobomi basekugqibeleni esibufumana kuThixo ngoKristu. Kuba uMikayeli "ephakama ame" (jonga kuDan. 12:1), abo bangabaKhe nabo baya kuma. Baya kuphakama "eluthulini lomhlaba" ukuba babengezele njengeenkwenkwezi ngonaphakade kanaphakade.

Phakathi kwentlungu nokulwa ebomini, themba lini nentuthuzelo esinokuzifumana kwisithembiso sovuko ekupheleni? Kutheni le nto, ngokwenene, phantse yonke enye into ingenamsebenzi?

Lwesithathu

25 Matshi

Incwadi Etywiniweyo

Funda: Daniyeli 12:4 noYohane 14:29. Kutheni le nto incwadi kaDaniyeli kufuneka itywinwe kude kube lixesha lokuphela?

Ekupheleni kwesiqendu esikhulu sencwadi (Dan. 10:1–12:4), umprofeti ufumana umyalelo wokuyitywina incwadi esongwayo kude kube lixesha lokuphela. Kwangelo xesha linye, ingelosi ixela kwangaphambili ukuba "baninzi abaya kuyiphengulula, kwandiswe ukwazi" (Dan. 12:4). Nangona abanye abafundi bakaDaniyeli bewathabatha la mazwi njengaxela ngenkqubela kwezesayensi, nto leyo enokuqukwa kwinto ayithethayo, umxholo ubonisa ukuba ukuhla kunyuka" kubhekisa ekuphengululweni kwayo incwadi kaDaniyeli. Ngokwenene, xa sikhangela emva embalini, siphawula ukuba uDaniyeli uhleli eluncwadi olusitheleyo iqela leenkulungwane. Inokuba yayisaziwa ifundwa iindawo ezithile, kodwa ezinye zeemfundiso neziprofeto ezizitshixo ezizizitshixo zihleli ziyimfihlakalo. Umzekelo, izigidimi zesiprofeto ezihambelana nokuhlanjululwa kwengcwele, umgwebo, imo yophondo oluncinane, kunye nexesha elihambelana nezi ziprofeto, kwakukude ukuba zicace.

Noko kunjalo, ukususela kuHlaziyo lobuProtestanti ukubheka phambili, baya bongezeka ngakumbi nangakumbi abantu abaqala ukuyifunda incwadi kaDaniyeli. Phofu, kwaba kuphela ngexesha lokuphela eyathi incwadi ekugqibeleni yavulwa kwaza ekuqulathileyo kwatyhilwa ngokupheleleyo. Njengoko athe waphawula uEllen G. White, "Ngoko ke, ukususela kowe-1798, incwadi kaDaniyeli iye yavulwa amatywina, ukwaziwa kweziprofeto kwanda, baba baninzi abasivakalisa isigidimi esinendili somgwebo okufutshane." — Imbambano Enkulu, iph. 366. "Ekupheleni kweye-18 nasekuqaleni kweye-19 inkulungwane kwabakho umdla omtsha kwiziprofeto zikaDaniyeli nezesiTyhilelo kwiindawo ezahlukene kakhulu emhlabeni. Ukufundwa kwezi ziprofeto kwakhokelela kwinkolo ethi ukubuya kukaKristu kwesibini kusondele. Abachazi abaninzi eNgilane, uJoseph Wolff kuMbindi Mpuma, uManuel Lacunza kwiMelika eseZantsi, noWilliam Miller kwiMelika eManyeneyo, bebonke nomnye umkhosi wabafundi beziprofeto zikaDaniyeli, bavakalisa ukuba ukubuya kwesibini kwakusemnyango. Namhlanje, le mbono isuke yanamandla akhuthazayo kwintshukumo yomhlaba wonke."—*The Seventh-day Adventist Bible Commentary, v*ol. 4, p. 879.

Cinga ngobuhle obukhulu bokuba namhlanje siyakwazi ukukhangela emva embalini sibone indlela ezi ziprofeto zembali zikaDaniyeli eziye zazaliseka ngayo. Kumele ukusinceda njani oku ukuba sithembele kuko konke athe uThixo wakuthembisa?

Lwesine

26 Matshi

Ixesha Lokulinda

Funda: Daniyeli 12:5-13. Iphela njani incwadi?

Okunika umdla lo mboniso wokugqibela wenzeka "emlanjeni," okanye eTigris, indawo apho yombono omkhulu wokugqibela kaDaniyeli (Dan. 10:4). Phofu ke, igama elisetyenziswe apha alisiso isiHebhere esiqhelekileyo lo"mlambo," kodwa isaci uye'or eliye liphawule "umlambo umNayile." Oku kusikhumbuza ngeMfuduko yaye isibonisa ukuba, kanye ngendlela uYeova wahlangula ngayo uIsrayeli eYiputa, uya kubahlangula njalo abantu baKhe bexesha lokuphela.

Kunikwe ucwangciso lwamaxesha amathathu. Olokuqala- "ixesha, amaxesha nesiqingatha sexesha"-luphendula umbuzo- "'Koda kube nini na, ukuphela kwezi zinto zibalulekileyo?" (Dan. 12:6). "Izinto ezibalulekileyo zibhekisa kwizinto ezixelwe embonweni kaDaniyeli 11, ezikukunatyiswa kukaDaniyeli 7 nesi-8. Ngokuthe ngqo ngakumbi, eli xesha lalikhankanywe kuDaniyeli 7:25 kamva kwakwisiTyhilelo 11:3, isiTyhilelo 12:6, 14, nesiTyhilelo 13:5. Lihambelana ne-1,260 leminyaka yokongama kobupopi, eyayisuka kowe-A.D. 538 ukuya kowe-1798 B.C. Ke yena uDaniyeli 11:32–35 ubhekisa kwintshutshiso enye ngaphandle kokukhankanya ubude bayo.

Amanye amathuba exesha, i-1,290 ne-1,335 eentsuku, aphendula umbuzo—"siya kuba yintoni isiphelo sezi zinto"? owenziwe nguDaniyeli ngokwakhe kwiNdoda enxibe ilinen. Omabini aqala ngokususwa "kwenkonzo yamaxesha" nokumiselwa kwe"sikizi lesiphanziso." Kwisifundo sikaDaniyeli 8, sifunde ukuba "inkonzo yamaxesa" ibhekisa ekuqhubekeni kokuthethelela kukaKristu, ekwabekwa endaweni yako umceph' ucandiwe wocwangciso lonqulo. Kungoko, eli thuba lesiprofeto liqala ngowe-A.D. 508, xa uClovis, ukumkani wamaFrancs, wathi waguqukela kwinkolo yobuKatolika. Esi siganeko sibalulekileyo savula indlela ngalo lonke ixesha leMiddle Ages. Kungoko i-1,290 leentsuku laphela ngowe-1798, xa uPopi wabanjwayo phantsi kwegunya likakumkani waseFransi uNapoleon. Zona iintsuku ezili-1,335, ithuba lesiprofeto lokugqibela ekuthethwe ngalo kuDaniyeli, zaphela ngowe-1843. Eli yayilixesha lentshukumo yabalandeli bakaMiller elaya lahlaziya ukufundwa kweziprofeto zeBhayibhile. Yayilixesha lokulinda nethemba lokubuya kukaYesu okukufuphi.

Kuyo yonke incwadi kaDaniyeli sibona izinto ezimbini: Abantu bakaThixo betshutshiswa, kuthi ekugqibeleni abantu bakaThixo baphindezelwe basindiswe. Ingasigcina njani le nyaniso ukuba sizame ukuhlala sinyanisekile, nokuba zithini izilingo esijongene nazo?

Ingcamango Eyongeziweyo:

"Iziprofeto zinika ukulandelelana kweziganeko ezihla ziyokufikelela ekuqaleni komgwebo. Oku kubonakala ngendlela eyodwa kwincwadi kaDaniyeli. Yona loo ndawo yesiprofeto ehlangana nemihla yokugqibela, wayalelwa uDaniyeli ukuba ayivale ayitywine "kude kubelixesha lokuphela." Siya kude sifike kweli xesha size isigidimi esingomgwebo sivakaliswe, sakhelwe phezu kokuzaliseka kwezi ziprofeto. Kuya kuthi ekupheleni kwexesha, uthi umprofeti, "baninzi abaya kuhla benyuka [KJV] [abaya kuyiphengulula—(IZIBHALO EZINGCWELE)] kwandiswe ukwazi." Daniyeli 12:4. Umpostile uPawulos ulumkisa ibandla ukuba lingalindeli ukuza kukaKristu ngemihla yakhe. "Kaloku loo Mini [iMini yeNkosi] ayinako ukufika," utsho, "lungakhange lubekho uvukelo-mbuso lokugqibela, andule ke ukucaca umchasi-mthetho." 2 Tesalonika 2:3, IBHAYIBHILE. Kuya kuba semva kokreqo olukhulu, emva kwexesha elide lolawulo "[lo]mntu wesono," esinokuthi silindele ukufika kweNkosi yethu. "Umntu wesono," ekukwathiwa "yimfihlelo yobugwenxa," "unyana wentshabalalo," "lowo ukhohlakeleyo," umele ubupopi, obuthe, njengoko kuxelwe kwangaphambili esiprofetweni, wagcina ubunganga iminyaka eli-1260. Eli xesha laphela ngowe-1798. Ukuza kukaKristu kwakungenako ukwenzeka ngaphambi kweli xesha. UPawulos uquka ngobuchule bakhe lonke ixesha lobuKristu ukuya kufikelela kowe-1798. Kukweli cala lelo xesha esithi isigidimi sokuza kwesibini kukaKristu kufuneke sivakaliswe."—Ellen G. White, *Imbambano Enkulu*, amaph. 366, 367.

Imibuzo Yokuxoxwa:

1. Zeziphi iingozi esijongene nazo ngokumisa imihla yexesha leziganeko zexesha lokuphela? Kwenzeka ntoni elukholweni lwabaninzi xa ezi ziganeko zixelwe kwangaphambili zisilele ukwenzeka? Nguwuphi umthetho-siseko obalulekileyo ofunyanwa emazwini kaKristu kuYohane 14:29 omele ukusinceda ukuba siyiqonde indlela yokusebenzisa isiprofeto kokwethu ukulungelwa kwasemoyeni nokuphepha umgibe wokubanjiswa kukwenza okanye kukukholelwa kokuxelwa kwangaphmbili okububuxoki?

2. Yintoni enexesha esiphila kulo ngoku, kukho uqhagamshelano olukhawwlezileyo, neenkqubela ezimangalisayo kwezesayensi nezingasoloko zisilungele, eyenza ingcamango yokuba "ixesha lembandezelo elingazanga libekho elinjalo" libe yinto ekungekho nzima ukuyicinga isenzeka?

3. Xoxani impendulo yombuzo wokugqibela wangoMvulo wokuba kutheni igospile, inyaniso enkulu yobulungisa bukaKristu, ikuphela kwethemba lokuba "sifunyanwe sibhaliwe encwadini." Ngaphandle koko, themba lini ebesiya kuba nalo?